IMVO ZABANTSUNDU.

(NATIVE OPINION).

IPEPA LAMAXOSA LEVEKI ZONKE.

LIHLAULELWA 3s. NGANYANGA NTATU.

IXABISO 3d.] KING WILLIAM'S TOWN, NGOLWESI-TATU, OCTOBER 14, 1885. [No. 50.

Amaqanda Esikwenene !

Impahla Yamadoda NamakwenkwaNA Emaxa-biso Ahlisiwayo Kanye!

C. FENNELL & CO.

Base nazo ingubo Zamadoda abanga zingatengwa zikwelele kupele. Ukuze oku kufezeke batengisa

Into eninzi yebatyi zekodi ezilingana amadoda, amadodana namakwenkwe

Zihleli zodwa ngobutshipu.

Kukwako Nezezitofu, Nempahla Yamadoda enjenge Hempe njalo, njalo.

Ofuna ingubo ezisisulu makangaqale atenge napina engayanga kubona o

C. FENNELL & CO., e Maclean Street, e Qonce.

AKUTENGISWA NGASIKWELITI

Amayeza ka Cook Abantsundu.

UMZI ontsundu ucelelwa ukuba ukangelise lamayeza abalulekileyo.

COOK — Elika Iyeza Lesisu Nokuxaxazo. 6 ibotile.

COOK — Elika Iyeza Lokukohlela (Lingamafuta) 1/6 ibotile.

COOK — Aka Amafuta Ezilonga Nokwakwe. 9d. ibotile.

COOK — Elika Iyeza Lepalo 1/6 ibotile.

COOK — Ezika Ipils- 1/ ngebokisana.

COOK — Eka Incindi Yezinyo. 6d. ngebotile.

COOK — Oka Umciza Westepu Sabantwana. 6d ngebotile.

COOK — Oka Umgutyana Wamehlo. 6d ngesiqunyana.

Niqondise ukuba igama ngu

G E. COOK, Chemist,
E QONCE.

Kuba ngawenkohliso angenalo igama lake.

Paula oku!

JOHN CHARLTON,

Umlungisi wemicimbi yentlobo zonke, Enjengeyomhlaba, Nomteto, Namafa,

e-Dikeni, nase Xesi (Kwa-Kama) nakwa Qebeqebe.

Lomsebenzi wauqala ngo 1878.

UYAZIWA. AKUFUNEKI KUZINCOMA

Amafa, Ingqeshiso, Iminqopiso nokwananwa kwezi qiniselo zomhlaba—yonke lemicimbi yenziwa ngokukauleza.

Utetelela ematyaleni, aquke nemali engamatyala.

Kubabaleli Bam.

I BRANDI

Elungileyo engapitikezwe nanto zinjengamanzi nezinya ezibululayo, itengwa ko

C. J. DOWELL & CO.,
BANK STREET,
E - QONCE.

Inyama ne Zonka,

Nento ezinjenge kofu ne swekile zitengeni ko

BOURKE NO MARSH,

e Nyutawuni nakwisitalato esipambi kwe ofisi ngase mcancatweni.

J. HILNER,
Umenzi wentsimbi zamaxesha,
E-QONCE.

Nomtengisi wempahla ezinjengemisesana njalo njalo.
Unentlobo ntlobo zemisesane, iwotshi,
Nentsimbi ezinkulu zamaxesha, nentwane ezintle Zokinika amabaso ngamaxesha ae.

ABAHLOBO bam abase Koloni nabase Natal bayaziswa ukuba incwadi abandibalelayo zifika apo ndikona xa zenjiwe nje.

SOLOMON KUMALO,
Kleinfontein, near Ladysmith.
Natal

August 22nd, 1885.

EDWARD KELLY,
Umteteleli kwinkundla yamatyala,
Ubuta imali ezizikweliti ayitumele kubaniniyo kwaoko.

Uligqweta lamatyala entlobo zonke kwinkundla yomantyi
Umvuzo awubizayo mncinane.

I Ofisi: CALA.

R. W. ROSE-INNES,
Umteteleli-Ematyaleni, Umqinisi,
WEMVUMELANO,
Umanani Weziqiniselo

LONKE UNYAMEKO uyalunikele ekuteteni amatyala abamnyama nakweminye, imicimbi yabamnyama—ofuna umhlaba unokufunelwa, ofuna kujikwe igama lesiqiniselo somhlaba unokwenzelva. Lemisebenzi uyifeza kwesi siqingata nakwezimelene naso.

A BANINI balamahle bagqibe nabapati bololiwe ukuba bamane ukulayishela kwa Komani (Queenstown),

300 TONS ZAMALAHLE

Ngenyanga: ezingangemitwalo e 80.

Abafuna ifulara abasakuzidinga kwisituba semingxuma yamalahle ne Queenstown. Akusakubako kubambezeleka ekulayisheni lamalahle nasekuwatuleni eKomani. Indlela yenqwelo intle yonke isagudiswa ngokunye.
Inani yi nayipeni (9d.) ngekulu.

AMALAHLE ASE NDWE.

Kukululekile.

Asibizi 'Nto

Ngokuba ubani eze kubona Amabala ngamabala amahle e

Mpahla enxitywayo
I Qiya ezintsha Izihlangu ze
Lastike Izihlangu
ezibotshwayo Izilipari ezine
Lastike Ikwiliti
ezimabalabala
(zitengiswa tshipu)
Ikwiliti ezimblope zintle
Ikeleko edla 21|2d. nge yadi
Iprinti ze 3d. yadi

Zonke ke ezimpahla zezi tshipu ngapezu koko zaka zakuko e venkileni ka

W. 0. CARTER & Co.

Maclean Square,

E-QONCE.

KUBABHALELI.

MR. BELL B. KOTA. —Incwadi yako sisaziso ebesifanelwe yintlaulo 2/6 nge inch 1/3 ngamaxesha alandela elokuqala. Sovuya ukusingenisa wakusazisa.

Sicela uxolo kwinto eninzi yababhaleli e- ncwadi zide zandala zingafakwa. Oku kubangwa bubuncinane bepepa, kususela kulomhla ababhaleli bomana besaziswa ngokufika nempato yencwadi zabo.

NZABA R. MWELASE. —Incwadi ye Singesi ifuna ukuqwalaselwa kakulu pambi kokuba ingeniswe.

MR. JOEL J. MADUBELA. —Ifikile eyako.

Iveki.

IJAJI itete ngolwesi-Hlanu amatyala e Somerset, ngo Mvulo (12 Oct.) e Tinara, ngomso iyakuteta e Rafu. Igqibele nge Bayi ngolwesi-Bini ngeveki ezayo.

KUSUKE e Bofolo ngeveki epelileyo ababanjwa abakufupi ekulwini ukuya e Monti.

IRULUNELI yazisa ukuba amanene apati- swe imisebenzi yakwa Rulumeni kwelama Betshuma ngala: Hon. S. G. A. Shippard, oyi Ruluneli; Mr. Huntley, Umbali-mali; Mr. Ashburnham, Umbhali; Mr, Robertson, Umantyi Mr. Scholtz, Umantyi ongapantsi; Mr. Baxter, Isandla-sombali-mali; Mr. Sur- mon, Imantyi yase Mafikeng; Rev. J. S. Moffat, Imantyi e Taungs; no Mr. Vintcent, Umbhali pantsi kwemantyi.

EZIFIKE ngenqanawa yokugqibela zivela e Yuropa zixela ukuba isifo esizalanayo nengqakaqa abati yi kolera sisanyhikiza kubi e Speyine. Kufa amakulu ngamane ngemini.

U SIR THOMAS C. SCANLEN, use Florence kwelama Italiyane. ,

KUVAKALA kwela Mangesi ukuba u Mankoroane, inkosi yama Betshuana yatandaza ukuba ingake ibandakanywe kwi Koloni nokuba sekutenina.

IXABISO loboya alikanyuki kwelaMangesi.

ISELA elintsundu lidutyulwe lafa Lingesi e Fordayise (e Didima) ngase Bofolo ngolwesi-Ne. Indoda leyo ifile, ifama libanjiwe.

KUKO isihelegu esihle e Bulfontein e Da- yimani nge Cawa engapaya (4 Oct.). Igwangqa abati ngu Griffin linyongobe ebusuku langena kwigumbi elalilele umlungu ongu Keldt nenkosikazi yake, labaqhakamshela ngembhumbhulu, lahlanz' uselwa endodeni umfazi wenzakala ngokungatembisiyo; ubuyele kwelake igumbi wayibeka ipistoli ebucoteheni watsho kwapela. Isizeka-bani salento asikavakali.

IQELA lamadoda apambili kunqulo lwama Silamsi (Dervishes) elikumawaka amane kuvakala ukuba selahlulwe yimigama ya Mangesi (imayile) emashumi asibozo ukuba lidibane nentsalela yemikosi ya Mangesi ese Jeputa. Ngalenxake kuko imikosi ebuyise- lwa kwakwelozwe.

NGEVEKI epelileyo umbona ubehamba kwi 11s. ne 11s. 6d. e Tekwini e Natal.

I TOWN HALL yase Tekwini iyakuvulwa ngo 28 October.

U COLONEL CLARKE, opatele Inkosazana e Lusutu ubese Natal ngeveki egqitileyo.

UMHLOBO wetu ose Badisi usibikela udaba lokuba kuko intokazi ebulele usana ebisand' ukulubeleka kulodolopu.

KUFUMANEKE kuyinyaniso ukuba amalahle afunyenwe e Colenso (e Lutukela) e Natal.

INKOMO zife kunene e Free State ngezi- mvula.

U REV. DR. NO MRS. SOGA, bafike kweli ngomkombe ofike e Kapa ngolwesi-Ne olu- gqitileyo.

U MR. SHIPPARD unduluke e Kapa ngo- lwesi-Hlanu (9 Oct.) ukuya kwelama Betshuana.

ABAFO abatatu abantsundu babetwe lizulu ngaleveki epelileyo e Ntshangwe ngase Tekwini e Natal.

ABASENEZIKWELITI kwi *Mvo* ikangelwe ngoku imali yabo.

KUDUTYULWE ngohlwaya elinye isela ngo Mgqibelo ogqitileyo ngase Mtonjeni ngu nyana ka Mr. W. J. Warren, M L A. Utumene ukuba sicaka sake. Asifile kodwa.

U MR. CHRISTIAN MAASDORP oligqweta lejaji e Kapa unyuselwe kwisihlalo esipakamileyo sokuba yijaji e Rini endaweni ka Mr. Shippard otabate ubu Ruluneli belama Betshuana.

U BISHOP WEBB, wase Rini, uyakwamnkela eramenteni ngokubeka izandla abantu bebandla lase Tshatshi kwi Trinity Church nge Cawa ezayo. Emva koko wogqitela e Nxaruni nase Monti.

EZIVELA Pesheya ngocingo zibika ukubhu- bha kuka Lord Shaftesbury, inene elibalulekileyo lapesheya mayelana nokunceda kwinkatazo zabapantsi.

E TEKWINI siva ukuba bekuko idabi pa- kati kwabantsundu namajoni. Isizekabani kukuba kekuselwa. Ibe lityobo ngentonga nangamatye kude kwalamla amanye amajoni.

U MR. VICTOR SAMPSON, B.A..LL B., obeligqweta lejaji e Kapa siva ukuba ufudukela e Rini apo azakuquba kona umsebenzi wake.

KWINTLANGANISO yawo Elukuko ebingolwesi-Hlanu olugqitileyo amafama esitili sase Bofolo a cele u Mr. G. King no Mr. E. J. Painter ukuba batabate indawo ka Mr. Laing. Lamanene alile kucelwe ke u Mr. J. 0. Norton no D. Bowker, abakapenduli.

I CHAMPION zi zidliwe Kaffrarians nge 72 to 33. I am fielding yamawetu ibifezekile kwane bowling. Yi bating ebingeko.

Imvo Zabantsundu

NGOLWESI-TATU, OCT. 14. 1885.

ISIFUNDO.

UKUBHUBHA kwenkomo zomzi wakowetu opesheya kwe Nciba kunezifundo ezimbalwa ezingati mhlaumbi zibe luncedo. Tina kweli sesibona ngento eninzi yezikumba efikayo apa ebonisa ukuba umzi utshabalele ngu "mbhendeni" ngu " sitwayi," na " mazinyo." Kumhlope ke ukuba ngapambi kwelixesha bekungento inkomo kwelo lakwa Phini. Esinye sezifundo esitembayo ukuba uyakusibamba sesi—sokuba ukubuka inkomo akupeleli ekutini zimlahleke, kodwa uyatshabalala ubani ngako. Izinonopu za pesheya kwe Nciba bezinamakulu ngamakulu enkomo ateta ukuba oko bezisenexabiso, make siti, oko inkomo ibisadla £10, ubani onawo lomakulu ubesityebi ngamawaka atile eponti. Akubonakali kodwa ukuba abafuyi bate bayivelela lenkalo, ite ke yakufika imbujiso baswelekelwa kanye. Asikukuba bebengacetyiswa ukuba bayipungule ngokuyitengisa impahla lento balahlekelwa kangaka, kodwa amacebo anjalo asuke akangelwe njengenkunkuma. Kusuke kwizityebi yangowoshiywa ngamanani enkomo. Singenile sona isifo, amatambo empahla amhlope ngawo asikumbuzo sokuposisa kwabantu.

Ukuba amaxesha alungileyo ayangena kwakona—ezimvula singa zingasiqalo sawo—siyatemba ukuba amawetu ayakwenza imigudu yokuba impahla ingagqiti emananini ukuze ukufuywa kwayo kube noncedo. Amafama amhlope ungawafumana emana ukuyipungula impahla. eyitengisa ukuze agcine imali ebankini. Ukuze nati bamnyama sibe nokubamba into ngokufuya siyakwenjenjalo.

Enye into emayiqondwe kukuba abantu baya bebabaninzi ngakumbi, oku kuko, wona umhlaba awandi, uya uncipa ngokuncipa. Lenkatazo iyakuhlala iko xa abantu bekangele msebenzini mnye—wokufuya, kuba impahla isaya kubaninzi okunye. Imizamo ke mayenziwe kwangoku ukuyilungiselela lento Abanye kwabantsundu mabaxelenge impilo ngezinye indlela mabakangele ekulimeni kakulu, ekumiseni ivenkile, ekusebenzeni nase mashishinini. Abafuyi mabazame ukufuya igusha kakulu kunokufuya inkomo kuba zona zipila nangencela encinane. Igusha mazilungiselelwe ngazo zonke indlela ngokufuya inkunzi zohlobo, uboya bulungiswe ngenyameko, ukuze ukufuya igusha kube nembuyekezo. Ngezizizatu nezinye esingenakuzingenisa ngenx' enobuncinane bepepa, siyatemba ukuba amawetu ayakulikangelisa elicebo.

Amanqaku.

MHLA i Palamente yalamnkela icebo lika Mr. Rose-Innes lokuba anikwe igunya u Rulumeni lokuyifudusa impi yase Xonxa neyase Ngqushwa, kwakuvunyelwene ukuba zekunganyanzelwa bani. Kodwa ngoku kubonakala abantu benyanzelwa. Kutunyelwe u Mr. John Frost olilungu le Palamente exhotyiswe onke amandla akomkulu ukuba andulele u Mr. De Wet ukuya kufudusa abantu. Sivuya ukubona ukuba ipepa lase Dodoloro i *Frontier Guardian* iyicase kanye lento libacebisa Abatembu ukuba bangavumi. Liti into enje yaka yenziwa Emhlanga ngo 1883, umhlaba watengiswa kumagwangqa. Kubonakala ukuba oko kwakuyimposiso enkulu. Abantsundu abagxotwa apo Emhlanga babenenkomo ezininzi, negusha. namahashe, umhlaba ubanzi, betengisa into eninzi yezilimo e Dodoloro nakwidolopu ezikufupi, betenga nabo, into engazanga yabuya yabako. Yintonina enga- tetwayo ngapaya koku ? " Elipepa liquba linike incazo yemizi enje ngeyamadoda azekayo apo Ebatenjini enjengeyo Mr. Zwedala, no Mr. Mayekiso, no Mr. Kalipa, neminye. Iyinto eyazekayo ukuba abantsundu belo ngawona madoda apambili kwizizwe ezi- mnyama zeli.

OKU kwenzelwa ukweneliswa inxano la Mabulu ase Komani atetelwa ngu Mr. du Plessis apo e Palamente, nowayesiti maba- tshayelwe abantu abo ngamandla. I *Frontier Guardian* iteta ngoluhlobo nga Mabulu: "Kuyimfanelo na ukuba amadoda afuduswe ukuze kwaneliswe iqela labapangi bomhlaba, abangenakuze baneliswe kwipango labo lomhlaba ngakumbi umhlaba wabantsuudu." Amangesi ase Komani ayicasile lento kwangokunjalo nabamnyama. Kodwa u Rulumeni ukwenzela ukukolisa iqaqobana la Mabulu, kuba umzi upetwe ngawo ebotwe.

AMASHOLOGU awunike umva umzi wase Bofolo mayelana nolunyulo lukoyo. Kwiqela lamadoda abete akankanywa mayelana nalo kube kupumelele ngengqondo, nobuciko, nokufaneleka u Mr. Richard Solomon no Mr. F J. Dormer, abakwangabahlobo abakulu bo- mzi ontsundu. Site ke ngalendawo sacebisa wonke umhlambi wakowetu ukuba uze unyule kulamadoda omabini. Wati kwasentloko kodwa u Mr. Solomon ukavuma. Site makumiswe inyawo ku Mr. Dormer okwalunge njengaye. Sisatsho Amalau ase Katala ate wona afuna u Mr. Hatton; ute akuyibona lonto u Mr. Dormer waseleroxa kuba engeyiyo indoda enokukumela ukuba yoyiswe, engafuni kanjalo nokuyahlula pakati impi entsundu. Kuseleke amadoda angava- kali nganto oshumi, esingekatali tina nokuba ayana e Palamente nokuba awayanga. Kodwake kunokuba kungene indoda enobu- tshaba kontsundu maze abantsundu sebesima ngetiyawo zombini ku Mr. Hutton ongakwicala yena labantsundu kakade. Makungabiko magogotya ke eluvotweni ukuze kungangeni mbandezeli wetu, sekungena kanye umhlobo. Lilani ke ngo Hutton.

Ezababaleli.

UBUSELA BELASE MBO

MHLELI, —Undixolele ndiyacela kanja- ko ibalana kwelopepa lomzi ontsundu ndifuna ukupakela umzi, malunga ne- ndawo endimana ndiyibona emapepeni entlanga ngentlanga obusela.

Ndinosizi kuba indawo endizakuteta ngayo iyakungena kakubi ezindlebeni zabazalwana bam; kodwa ote wayicinga uyakufika ingamcukumisanga.

Ndiyavelana nabo ngobusela obute ba- pata ubukosi nonyakanje elizweni, nakubanina nibupazamisa ngokuti buba- ngwe yindlala kwelo lenu.

Tina apa Emaxesibeni (Mount Ayliff) nakwa Baca (Mount Erere) asitsho kuba yinto yalomhlaba elaulayo iminyaka yonke kuba ingenanto iyitintelayo.

Ndinomnqweno omkulu wokuba nam kendiqubele obalapa Emaxesibeni nakwa Baca lemihlaba yomibini yakelene nama Mpondo.

Ubusela abufani obo bukankanywayo nini bobunye, obalapa budlulisile ngapezulu kwobo, ngokungatuni kuyolula lendawo obo benu bunomhluzi.

I. Umntu apo kuni ulahlekelwa yinto ati omnye ayifumane, nokuba kungexesha elingakananina (anditsho. ngelahleke kwakupela) ati akuyifumana azi ukuba namhlanje into yake ibuyile, ayinikwe nase ofisini. Afune isela elo mhlaumbi ancediswe lide lifunyanwe nesela elo, lizokutetwa. tyala lalo. emantyini, imantyi ive-ive inyaniso isuke igwebe iti sela- ndini ndikugwebela ixesha elitile entolongweni usebenza nzima. Kaukangeleke ukuncuma komntu obelahlekelwe yinto yake xa isela elo linobunzima. Nangoke umhluzi enditeta wona. Anditsho ukuti apa kubiwa ngapezulu kwalomhlaba (mhlaumbi ndingade nditsho nokutsho). Into enditeta ngayo kukwahlukana kwe- miteto yemihlaba. Endinomnqweno wokuba kendinilinganisele uhlobo lwemiteto yobusela balomhlaba abati ebake-

leni nabo banga Mampondo balinga uku- bupelisa ngayo, nokubutintela: —

Tina apa asisafuni nokulanda umkondo sewuti ngentliziyo ebuhlungu yokumnkelwa yinto yako wenze kambe, ati omnye ngomonde alande ade ayekufika apo impahla yake ikona, ayibone ngamehle, angayinikwa ngama Mpondo; omnye abetwe angayizuzi, omnye atenjiswe. singafezwa eso sitembiso ade ancame; ati omnye ngetamsanqa (ke itamsanqa asinto ite sa nabantu bonke) ayinikwe lonto. Mandilinganise ngehashe yona nto kendibone umntu eyinikwa (kuba enye impahla enjengenkomo, igusha, nebokwe zikolisa ukulahleka kupele, yimihlambi imbalwa eyazekayo imizi ekuyo, nayoke ayikutshwa). Kutiwe makahlahle ngama 20s ngehashe lilinye; kautelekiseke mfondini weminye imihlaba; mhlaumbi indoda mayibelwe amahashe amatatu (3) iwaboneke kona (andiyikukankanya mntu kuba akutetwa tyala kodwa konke endikubalaya kuyenzeka e Mampondweni) kutiwe korola 20s. ngehashe kangela iponti ezintatu E3. Undixelele ukuba zezantonina? Amampondo ati lomali ingumtetelelo, wena uti yeyanina? mna nditi zezokuhlahla lomntu ulisela kuba ekwazi ukuba—kuba nani niyazi ukuba uti umntu akoyisa entweni anikwe into yobugora bake.

Omnye umntu uti kulomahashe matatu kuvele abemabini (2) elinye kutiwe aliko limnke nesela lasekutini kwase Mampondweni, kutiwe O, siyakunika la omabini, elinye rola ngalo umtetelelo, abenga- kangela pezulu abone izulu lodwa alike kumadoda angamkataleleyo esazi kanjako ukuba akayikuba nambuzeli, asuke alishiye agoduke nalinye. Kaukangele ubunzima bezonto xa umntu ebelila ngento yake ebiweyo abuye afike ngoku abetwe ngelilizwi lokuti rola umtetelelo. Ukuhlahla nokuba ukubopa endike ndike ndikubone ngamasela ase Mampondweni kukusuka liti ihashe elo libuya libe linesilonda nokoke ukubopa kwakona. Amasela ayayekwa akenziwa ne- nto, andingezikatazi nangokufane ndibhale ibali lawo.

Ke umteto wakuti andingewubalisi xa siti tina saka seba e Mampondweni nokuba sibe ngobuhlungu bentliziyo nokuba siti sabambela emkondweni wento ebiweyo kwangawo. Woti umfo oyima- ntyi angasigwebeli nakwezi itolongo za- lapa e East Griqualand asise e East London, apo abantu bakuti bakona nana- mhlanje. Angazikataleli nentlungu esi- pantsi kwazo kulomhlaba mna Xesibe ne Baca. Undixolele ngokolula, noko ndilinge kakulu ukuba ndenze intwana emfutshane, nanike mzi nozandisela kuba lento isemhlotsheni icacile le yemiteto yalapa.

K. A. G.

UMNQAYI WEGWALA.

Rode Station, Sept. 26, 1885.

NKOSI MHLELI we *Mvo Zabantsundu,* —Ndincede undifakele lemigcana yam, ependula ilizwi le *Journal,* eliti u Captain Mdlangazo makalumnke, angati xa awu- lilelayo umhlaba olahlekileyo abuye alahlekwe ngulowo anawo. Kantike apa kwa Nyauza, kwa Hlamanda, kwa Hlamba-ngobubende, kwa Ziqelekazi, kwa Ncinde, kwa Mcindisi, kukw' ingwevu ezimagama ango Nkumanda, ezazalwa kusitiwa, nantsi inkumanda isiza isembe- nqe, kunanamhlanje, azi kakade siyibone. Ndingati mna ukuyipendula i *Journal* ligwala elintonga inde liyesabisa kwilizwi lokuti makalumnke u Captain Mdlangazo, akuko nto iyakuze ibe yileyo itetwa yi *Journal;* ukuba bendiyilentaka kutiwa yintsikizi eti yakuti enye: ndiyemnka ndiyemnka ndiya kowetu, iti enye: hamba kad' usitsho, ngendisitsho. Ndixolele nkosi yam Mhleli ngokubamba ixesha elide kangaka.

Ndingowako

LUKOZI MAYOPE.

UKUZINDLA.

NKOSI, —Elokuqala izwi lam nali: Yini le? Kaundibalisele ukuba kwake kwakona isanga esinjengesi; ndisoloko ndisiva kwelipepa lamanene, inteto zokuhlaba intshumayelo ezenziwa ngamaxego akowetu. Lutsha, nalahleka, nihleka intshumayelo ka Mr. Gamanda nje imihla yonke. Lumka kuba umzalwana lowo akafundanga njengawe Mr. M. Q; endingade nditi mna usitinje uyakunga ute cwaka njengokungati uyazivuma ezonto azitetayo u Mr. Gamanda lowo, bekufanele ukuba ezonto azitetayo ziya kulaula ungati tu umngcikiva nje imihla yonke andisakukolwa nayeyokuqala leva nanimfumene ngayo, kuba uti akuti ninocuku, nolwimi, namaqinga, niyaxoka, exela izinto ezonakalise izikolo enyanisile nokuti oku naku nigcina iiniteto yelizwe, nokuti niyazipakamisa, kanti kutiwa kwase Zibhalweni: lowo uzipakamisayo uyakutotywa, ozitobayo wopakanyiswa. Usuke uti wena M. Q. endaweni yokukangela ukuba kunganina ukuba usuke sensenza lento itetwayo. Kuba uti akuko lucuku, kuxoka, maqi- nga, nalulwimi, namona, nanzondo nje- ngokuba ababantu benza ezizinto nje engati umshumayeli babize ngamagama abo aziko. Ndiva ummangaliso sukume ushumayele M. Q. uz' utike esikolwenisako: nantsi msukubanokugqoka wena kuba unocuku &c, uze utshoke inaxa usepulpetini yakoke, sibone ukuba kotinina, Uti masikangele kuma Roma xiii. —7, kanti itsho kuwe M. Q. akumbekanga u Mr. Gamanda endaweni yokumbeka, umcitile; ukuba u Mr. Gamanda uyaposisa ekushumayeleni yiya kuye umxelele. Ukuba akavumi mmangalele erameteni akutshwe; ukuba akwenjenjalo yeka msukuteta.

W. Q.

[Lengxoxo ngoku mayipele. —EDITOR *IMVO.]*

UMTSHATO WABANTSUNDU.

MHLELI, —Ndincela kumanene akowe- tu amxelo ungowokuba uhlanga lunga lunganyuka, ukuba andicazele kakuhle indlela yokupatwa komtshato walamanene asemlungwini (Amangesi wona, esilinga ukusukela wona), ndifuna ukwazi owona monongo wendlela yokupatwa kwawo. Indawo ezisoloko zinditunuka iminyaka ngeminyaka malungana nokupatwa kwalomsebenzi nanzi: —

Mhla kwatiwa kuyatshatwa uyakufika abo bapete umsebenzi bengazipete. kaku- hle, kube kunjalonje uyakuti upatwe pgamankazana ayakusuke amane ukuti. siboneni ukungabi nasitozela kwetu. Yabona, kufike kuti xa sukuba ete lowo unalomsebenzi wabanabahlobo abate bamliza ngempahla, ngokutya, nezinye izinto ezinjengeqosha lasemlungwini ifike yonke lempahla itshatyalaliswe ukuze ati wonke ohambayo ati akufika kona abete siti mpu isisu, kungakataleleki nokuba ngovela pina—ngumhla oyakunka kupekwe pandle ngembiza zesepa inyama, amanzi ekofu, imingqusho nezinye izinto ezidliwayo. Lomini kuyakudliwa njengokungati akusoze kutyiwe, kuti nokuba kude kwacitakalwa izidlo zingapelanga, sesosihlwele sifana namaxalanga asesivivini sehashe elifileyo, uyazi kaloku ukuba kuti mhla kuko lomsebenzi bavele ngamacala omane omhlaba, ati nowapi abelapa, kanye njengezinja zika Nkabe. Abantu balomsebenzi bakolisa ukuba se 100 na 200, kantike yonke lempi yeze kutshabalalisa abanomsebenzi. Abeke amankazana ehlalele ukuwitya abantu eteta zonke inteto ezimbi eziyi- ngozi kubantu abanqwenela ukukanya ngangenani lokuba ude ungakolwa ukuba banengqondo, angati ukuba umntu ubengavelayo ati abanangqondo ukolwe kanye. Enye into kuyakuti ukuba impahla ayitvebanga ibe lityala lalowo unomsebenzi elivakufike litetwe kude kubonakale ukuba indoda mayirole empaka- tweni iqosha lasemlungwini ukuhlaula. Enye indawo kukupoxwa kwabo batshatayo. Nawe mfundisi wakuke uti waku- kova ukutshatisa uvele nokuba kungefestile ubonele xa ulutsha olungazipete kakuhle luyakuti bepuma abayeni beselubangqonga ngasemva naseinacaleni, kube seketwa izandla kuvunywa o "jele mama," kube kuhlekiswa ngokuhgmba no- kunxiba kwabo: kubonakale kanye ukuba namhla bazokuba zizipoxo mhlaimbi ababantu ngabantu ababekekileyo noko namhla bezizipoxo nje. Ke ndive kusitiwa lomsebenzi unyulu; into enjaloke ndicinga ukuba ibifanele ukupatwa ngentelekelelo, nemvisiswano, ngakumbike kuba lomsebenzi utike upatwe zizicaka ze Nkosi abafundisi, abafike ball xa bayala ababandakanywayo ungabinako ukuzibamba inyembezi. Umsebenzi ongaka ubungafanele ukunikelwa ezandleni zamankazana angendawo: onke lamadulubentsu nawokuba kuyokuvu- nywa amaculo Enkosi ngabantu abangamhloneliyo Umdali wabo zizinto ezifana nesitshetshe esisikayo, ukuhlaba kwazo entliziyweni yam xa ndizibonayo naxa ndizivayo. Enye into kukubujiswa kwezinto ezininzi ngalemini izinto ebekufanelwe ukuba zigcinwe zize ziye kwaka lomzi mtsha wabo sukuba bebandakanywa. Enye into embi kukuti naxa umsebenzi seupelile ati lomntana no- mntu afike apangwe intwana anazo kwangamadikazi. Ndixolele Mhleli, ndicela kumanene ukuba yiyipina eyona ndlela ufanele ukupatwa ngayo lomsebenzi?

OCELA UMTANDAZO.

Bloemfontein.

NKOSI YAM, —Ndiyakubongoza ukuba ukuba undifakele lemigcana, uyazi nawe ukuba andimntu ukatazayo. Sesineveki ezimbini sisenza umsebenzi wemvuselelo kodwa manditi umsebenzi unzima kanye; pakati kwezoveki kubuye abantu abatandatu, omnye kubo ngu Joseph Rasement. Sisatanda ukuya pambili kuba sibona ukuba kunga kuza kubako into. Nditi Mhleli otandekayo nina ningabamnkeli be *Mvo* sincedeni ngemitandazo aze u Tixo asincede. Nibona njanina elizwe lonakele kuko indlala kuko izifo kuko ukupatana kakubi ebantwini; ke tina apa sikumbula ukuti mayibe zonke ezizinto zenziwa kukungahambi kakuhle endleleni, asidele nangqoboko ya- bantu, kodwa, siyaxala ngokubona ezizinto, ke sifuna ukunga singalandela izwi lika Yesu eliti "Funani ubukumnkani bezulu kuqala ezinye izinto niyakuzifu- mana ngesisa." Ke sikolwa kanye ukuti xa besite sonke sanyusa imitandazo yetu Enkosini ibiyakusiva izeke kubeko ihambiseleko pambili. Ncedani ngemita- ndazo.

PAULUS SEPAMLA.

SIFUNA IZENZO.

Griqualand East, 6 Sept. 1885.

NKOSI YAM. —Ndite ndakulifunda elicebo lomcebisi wetu ndafunda ukuba lelokwamnkelwa ngolulamo ukuze liqo- ndwe kuhle ngontsundu. Mna andiboni tuba lokucaswa kwemfundo epakamisa ontsundu, kuba nokuba ayicaswanga ayicolwa ngabo bonke ngenxa yokunqaba kwayo; umcebisi yena uzikatazelanina ngokuvala isango? esazinje ukuba imfundo esiqingata ayilunganga kuba bonke abafunde Isixosa, Isibulu, Isinge- si abafezekanga xa bangadanga balungu- ze isi Latini nesi Grike emtonjeni wamazwi. Hai, ucango maluvulwe singene tina batandayo, kulungile "ukuba umfu- ndi abe njengomfundisi wake." Tina ke sixelelwe oku ukuba eyona ngxoxo ku- pumle kuyo ukupila nokufa kwabantsu- ndu belilizwe asikukwazi inteto zuma Latini nama Grike, nokuxoxa into zolau- lo kodwa yinkutalongumsebenzi ote qo nowenyaniso; sitvelweke ukuba umsebenzi omhle wenvaniso wamininye uyimbewu mhlaumbi inca- mbu ekukula kuyo umsebenzi wemini ezimbini ezilandelayo." Sityelweke ukuba inyaniso yokuba abaqeshi babantu babeka ixabiso elikulu kumsebenzi wentliziyo womntu omnyama nokuba usebenza ngezandla nokuba kungobucopo njengokuba besenjenjalo komhlope." Sityelwe ukuba ubucopo abunabala &c., siqondiswe ukuba amadoda amaninzi amhlope nanengqondo &c. &c. sixelelwa ukuba amaxabiso okusebenza &c. salatiswe kwinto yokuba, njalo-njalo. Ukuba ke siyakwenjiwanjalo ukuxelelwa kwetu ngapandle kwenteto siyakwamnkela, kungenjalo akuqondakali.

Ndingu

D. HLONGWANA.

INDWEDWE ZEDOLOPU.

Hottorn, September 21, 1885.

MHLELI OBEKEKILEYO WEMVO ZABANTSUNDU," ndifakele lamazwana kwelopepa lako limnandi Imbangi yokuba ndibhale ndive *Imvo Zabantsundu* ziteta ngelinga elihle lokuba kuko umnu ontsundu ofuna ukwe nza ihotele. Ndiyitakazela kakulu lonto yanga londodana ingaqala umsebenzi ize iti yakugqiba isazise apo ikona ihotele. Inyanisile *Imwo* ukuti abantu abase dolopini bazihotele, nabafundisi abakona nabasebenzi abakona, batwelu bunzima—yonke into engumntu eya edolonui iya kwamfundisi. Lento luhlanga lwakowetu ndiyichasile: mayili- ngwe ukupelisva, ingati indlu yomfundisi ibe yihotele, ii yonke into eza edolopini iye kona. Asiyikusikeleleka tina bantu

bantsundu, endaweni yokuti abantu batumele kuye izinto zokuncedisa abantwana bake, kuyakupangwa esasi-alam singenawo nomvuzo opi. Ukuti kwam mayinqunyanyiswe lento: makutunyelwe kuzo zonke izikolo incwadi kumkokeli oyintloko, kutiwe maka-xelele abantu bonke ukuba indlu zabafundisi mabangati abantu abaya Eqonce, e Rini, nase Bayi nakuzo zonke indawo kupela umntu abuze indlu yomfundisi. Abafundisi mabakangelelwe ngumzi wakowabo, bayatshona ematyaleni ngenxa yokuba bayahlu- twa intwana engeyiba uyityа nabantwana bake. Mna izihlobo ezise Qonce zizakundikalazela ndiyabavele andizikuya kubo yonke lemihla kuzele indwendwe.

Mandipele Mhleli undinyamezele ukutabata indawo ebanzi kangaka. Ndim owako

VAZIDLULE.

E Lusutu.

[IVELA KUMBHALELI WETU]

8 Oct. 1885.

Apa e Lusutu kufuneka kakulu ukuba u Rulumeni akuqondisise kakuhle ukuma kwelizwe ngalamaxesha sikuwo ; izinto ziyazisonakala ngakumbi nangakumbi. Inkosi zona azikatali sibonanje, kulila tina bantu bake bakeva ukuba mnandi kwako ukuba ngapa. utsi kwe Nkosazaua ngeminyaka etile, saku- fumana ukuba kumnandi kanye ukuba sisi- caka se Nkosazana. Into yomnye umntu ibingenakutatyatwa ngomnye ngokuyihluta, nokuba yinkosi nokuba yintonina. Ngokuke kunzima kuti, usoloko wawaswela u Rulumeni amandla afezekileyo e Lusutu. Asikuko nokuba siyalila tina esiyiqondayo lento. Kuyakuba njanina mini afayo u Litsie, xa kusekuqaleke kwangoku ukungonwabi, no kuvuselana izipitipiti, njengokuba zivukile kwelakwa Molapo, pakati ko Ramanella no Lepoko unyana ka Masopa. Isizatu kubangwa amasimi, omnye usuke apume exhobile ayekulima kwesomnye isiqingata somhlaba. Inkosi u Litsie usatumele unyana wake u Lerotholi ukuba ake ayakulinga ukusipelisa eso sipitipiti sivelileyo. Esosipitipiti siqaleke emveni kokumnka kuka Col. Clarke ukuya e Natal, nokuya kuhlangabeza usapo lwake. Makayikangele u Rulumeni lento kuba imfazwe yohlanga izakuqaleka engekafi u Litsie. Besilindele kakulu ukuba u Sir C. Warren uyakubanako ukugqita ngapa xa aya e England aze aqonde kakuhle ukuma kweli lase Lusutu, aze abe nako mhlaimbi ukusivelisela uncedo ngokusibika ku Mhlekazi i Ruluneli.

Sivuyiswe ngalamapepa aleveki abonisayo ukuba i Ruluneli iza kuke ihambele kweli. U Tixo makasebenze ngaye, ukuze ibe nokuzilungisa izinto zase Lusutu, ukuze nati sihlale ngokonwaba injengezinye izizwe ezingapantsi ko Rulumeni. Omnye kubabhaleli be *Argus* uti: "kufuneka Inkosazana ililungisile ilizwe lase Lusutu mhlaimbi ililahle, waleke wati, ubunzima nenkatazo bubangwa zinkosi." Unyanisile, abantu bona bakunqwenela ngohlobo olushushu ukupatwa ngu Rulumeni. Ukusilahla oko ngokwenyaniso kungasivelisela ingozi engasiwela njengetakane legusha emazinyweni engcuka ezinga Mabulu. Mayisipate Inkosazana. Siyayikumbula leya minyaka ye 1872-73 neminye okuya besihanjiswa ngemiteto elungileyo inkosi nehlwempu

Impawana.

Ngati kuti umbhaleli u J. L. M., wenze amatyeba abonakalayo mayelana nama- bhenubhentsu emitshato yabakolwayo abantsundu. Asifuni kubonakala njengabantu abakaulela inkau zisiya kusela ngokuti siyipendule incwadi ebekiswe kumzi wonke, kwanele kodwa xa siti iyeza lalento lisezandleni zendodana etshatayo nakwintombi leyo iyifunayo. Emangesini ixabiso abaziyolisa ngalo abantu liya ngobude bengxowa yabo batshatayo. Amatyoti-tyoti wona anokupeliswa ngabatshatayo. Iyavakala inteto yombhaleli wetu.

Lencwadi iyakubonisa uhlobo enqanqa- tekelwa ngalo *Imvo* kwindawo ezikude :— Yinina kangaka kukade ndikucela nkosi yam Mhleli wendaba zamanene akowetu. Ndingati kuwe nkosi yam ndinyamezele, nditumele isigitshimi, isigidimi kukuti *Imvo.* Besendide ndati ngokunganyameki kwako, ndaman' ukuti nditabata kulamajacu sebewafundile ndimane ndisenjenjaloke. Ndingati ndite ndalifumana elinye ijacu ndafika lindi- gweba, lindenza isela ngokwenjenjalo kwam. Kekaloku bendike ndifake nezitampu ndisiti mhlaumbi ndingafumana impendulo. Nokuba Ubundizonda unokundinyamezela. Yiba nenceba ngam. Sendimntu uliselanje kungenxa yako. ndingowako, W. W. M. Lady Grey, Aliwal North.

***

Xa sisateta ngoluhlobo lobunyangaza—lokubiwa kwamandla ombhali nompati- pepa ngamawabo—sikumbule intetwana esike sayilesa kwelinye lamapepa Amangesi ngayo leveki. Lomigcana kutiwa licebo lokunyanga isifo sokuboleka amapepa. Sicinga ukuba liyakubanceda kunene abamnkeli be *Mvo* abamana ukukhatazwa ngababoleki. Wakuti wakulifumana ipepa lako urolonqe ngemela, mhlaumbi ngesikela indawana ezinendaba nokuba zintatu zine uzeke umnike umboleki lowo. Akusakuyenza kabini nakatatu into leyo engatanga waseleziyaezela elake ngokwake ze upumle enkatazweni. Baninzi abantu abaliqoboshileyo ipepa ngokungavumi ukutumela ezabo inkozo zokuxhasa ukuze lichume.

***

Sicelwa ukuba sibhengeze lencwadi: — Horton, 8 Oct. 1885.

MHLELI obekekileyo we *Mvo,* —Ndifa- kele nali izwana lam. U Rev. C. Pamla oko wayelapa ndamnikela igama elingu Ndleleni ngenxa yomsebenzi wake okwindawo zonke, ndiyakucelake ukuba ulifake elogama kwelopepa lako lidumileyo. Ndisicaka sako, ABRAHAM G. MSIZIKAZI.

Umbhaleli ozigqubutele ngelokuba ungu "Sandlulube Dlamini" usitumele amanqakwana "ngesimo sabantsundu base Gcuwa" esaziyo ukuba ayakufundwa ngemihlali yinto eninzi, kuba ebhekiselele komnye wemizi emidala yakowetu. Uti: —

